**EXAMINATIONS AND ASSESSMENT CHIEF DIRECTORATEHome of Examinations and Assessment, Zone 6, Zwelitsha, 5600 REPUBLIC OF SOUTH AFRICA, Website: www.ecdoe.gov.za**

## 2025 NSC CHIEF MARKER'S REPORT

| | | | |
|---|---|---|---|
| **SUBJECT** | **ISIXHOSA H L** | | |
| **QUESTION PAPER** | 1 | 2 | **3** |
| **DURATION OF QUESTION PAPER** | | **3 liyure** | |
| **PROVINCE** | **EASTERN CAPE** | | |
| **NAME OF THE INTERNAL MODERATOR** | **MASIBA B.C** | | |
| **NAME OF THE CHIEF MARKER** | **DANTILE N.N** | | |
| **DATES OF MARKING** | **27 NOVEMBER - 13 DECEMBER 2025** | | |
| **HEAD OF EXAMINATION:** | **MR MABONA** | | |

**SECTION 1: (General overview of Learner Performance in the question paper as a whole)**

- Abaviwa abaqhubanga ngendlela ebekulindeleke ukuba baqhube ngayo kuwo omabini amacandelo. Ukunika ingqwalasela kwizikhondo zamagama asembuzweni kube ngumcelimngeni kakhulu. Oku kwenze ukuba bayiphendule imibuzo baphele esithubeni, loo nto yenze ukuba bawutyeshele umxholo oyinjongo yombuzo.
- Kwicandelo A izincoko eziye zakhethwa ngabafundi ngumbuzo 1.1., I.2,1.4 no1,7. kunye no1.8. Baphendule kakuhle kakhulu bafumana amanqaku aphakathi kwamagqabi nokugqwesa. Uninzi lwabo lunamathele kumxholo batsho bafumana amanqaku aphezulu.
- Imibuzo engaphendulwanga kakhulu ngabafundi kweli candelo ngumbuzo 1.3, 1.5 kunye no 1.6. ukanti nabo bathe bayikhetha abangenanga ngokupheleleyo emxholweni.
- Abafundi abakhuphela izihloko xa bebhala nabo babhala amagama angenantsingiselo icacileyo bayanda xa sibathelekisa neminyaka edlulileyo, loo nto ibenze ukuba bafumane kwinqwanqwa eliyinxalenye.
- Baqhube kakuhle kakhulu abaviwa xa sibathelekisa neminyaka edlulileyo.Babhale kakuhle kakhulu bephuhlisa izakhono zabo zokubhala, lvuthiwe imisebenzi yabo kumacandelo omabini nto leyo ibinokude ikuthandabuzise ukuba ngabafundi bebanga le -12 abebebhala.Umyinge ongama 61.2 % ufumene kwinqanaba lokugqwesa, 32.7 % wafumana emagqabini, u 5.9 % wafumana impumelelo eyanelisayo, inxalenye nengaphumelelanga.
- Kwicandelo B isekhona ingxaki yabafundi abangazaziyo iimpawu zeendidi zemihlathi. Loo nto ibachana kakhulu abafundi kumxholo nefomathi, baphulukane namanqaku

amaninzi. Kunjalo bakhona abenza kakuhle kakhulu.

- Le mbinana yabafundi ifumana amanqaku kwinqwanqwa elisezantsi ngabo bafundi bangakwaziyo ukubhala, nabo baxuba isiXhosa neNgesi, kwakunye nabo bakhuphela imibuzo injengoko injalo.

**SECTION 2: Comment on candidates' performance in individual questions**

**QUESTION 1**

**1.** General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?

**1.1 Sakhangela, sakhangela, uvalo lungongoza, gqi yena encumile.**

- Abaviwa abaninzi bawukhethile lo mbuzo kwaye uninzi lwabo bawuphendule kakuhle kakhulu. Baye bafumana amanqaku akuma-40 ukuya kumanqaku angama-50. Abaninzi kubo bakwazile ukusiphumeza isiganeko esizingileyo sokukhangela, bekunxungu novalobekunxunguphalo novalo kungemnandanga, avele obekhangelwa.
- Balizobile ibali lesiganeko ukuqala kwaso, nokuzinga kwesenzeko sokukhangela, iimvakalelo ebebekuzo ezinxunguphalisayo nokuvela kobekhangelwa encumile.
- Esi sihloko besifuna babhale bekwimeko yonxunguphalo.
- Ikhona imbinana ethe ayaqhuba kakuhle kulo mbuzo kuba ibingaluphuhlisi unxunguphalo nokuzinga kwesenzeko sokukhangela.
- Bebefumana amanqaku aphakathi kwama- 40 -45.

**1.2.Iitshomi**

- Sesinye sezihloko esikhethwe kakhulu ngabafundi. Basibhale ngokugqwesileyo. Bayazazi iindidi zeetshomi, ezikhuthazayo nezilahlekisayo.
- Abaviwa bakwazile ukuphuhlisa ezi ndidi zeetshomi ngokwahlukana kwazo.
- Ikho imbinana esuke yatshintsha igama elithi iitshomi bathi abahlobo, bayitshintsha intsingiselo yesincoko. Abafundi bafumene amanqaku aphakathi kwama- 48-50

**1.3. Akuziwanga kwezo zinto apha! Umntu…**

- Esi sesinye sezincoko esingaphendulwanga luninzi lwabafundi.
- Abaviwa abawukhethileyo bayancomeka ngendlela abayichaze ngayo le ndawo bathetha ngayo ukuba kwenziwa ntoni, kwaye kulindeleke ukuba umntu aziphathe kanjani.
- Abafundi bebelindeleke ukuba badibanele injongo yale ndawo bebefanele ukuba kuyo, suke lowo enze nto yimbi enxamnye nenjongo yale ndawo.
- Apha kwesi sincoko abafundi bebevela bebonakalisa izinto ezingenziwayo kule ndawo. Abo babhalileyo bafumene amanqaku aphakathi kwama 35-40 wamanqaku.

**1.4. Kunyanisiwe, uvuna okulimileyo**

- Baninzi abafundi abasikhethileyo esi sihloko kodwa abo bathe basikhetha bayiphuhlisile intsingiselo yesi saci bevelela intsingiselo yentsusa, efihlakeleyo nevelela amacala amabini bengaphumanga emxholweni.Basitolike ngokukuko isihloko , bebeyivelela kakhulu into yokuba umntu ufumana iziphumo ngokwemisebenzi yakhe, beyiveza pahaha  into yokuba xa utyala okubi uvuna kwakona naxa utyala okuhle uvuna okuhle. Abafundi bafumene kumanqaku aphakathi kwama - 40-48.

**1.5. Kuqala yiphi, kugqibele yiphi impumelelo nokuzinikela?**

- Bambalwa  abafundi abasikhethileyo esi sihloko. Bebeyiveza ke icace gca ukuba kuqala ukuzinikela, ukusebenza nzima nomonde, kugqibele impumelelo.

- Bekulindeleke ukuba abaviwa bayicacise ukuba kuqala ukuzinikela kuze kugqibele impumelelo.
- Ikho imbinana ethi kuqala impumelelo kugqibele ukuzinikela, bekuvakala ukuba eli gama lithi ukuzinikela bakutolike ngokungathi lithetha ukuzenza ixhoba leziyobisi nazo zonke izinto ezingamkelekanga.

Abafundi bafumene kumying ophakathi ko40-48.

**1.6. 'Nathi yeyethu ibhajethi…Masibandakanywe'**

- Yimbinana yabafundi abasikhethileyo esi sincoko.

- Abo bawukhethileyo lo mbuzo ngabafundi abenza izifundo zoshishino, begxile kwibajethi yelizwe ngeelixa abanye bebegxile kweyasemakhaya .

Abafundi abawuphenduleyo bafumene phakathi ko35- 40.

1.7. **Isincoko esingomfanekiso**

- Umfanekiso bawutolike ngeendlela ezahlukeneyo. Bambi bebebevelela icala elihle, bambi  bevelela icala elibi abanye bevelela omabini la macala.

- Oku bakudandalazisa emva kokuba bewuthiye isihloko umfanekiso.
- Bekulindeleke ukuba umfundi angacangcatha nangawo nawaphi amava akhe ngalo nyanga wama-2025 isengaba zizinto ezintle okanye ezimbi ezithe zamehlela kulo nyaka.

Abafundi bafumene kumanqaku aphakathi kwama-  kuka40-48.

1.8. **Isincoko esingomfanekiso**

- Bawuphendule kakuhle kakhulu abafundi lo mbuzo bakwazi ukuwutolika ngokukuko umfanekiso abanye bakwazi ukuvelela intlalo yasematyotyombeni, intlupheko, intsokolo, ukusilela kukarhulumente ukuphucula isimo sabavoti, izikhukula nezandyondyo zeemvula kwiingingqi ezahlukeneyo. Abafundi abaphendule lo mbuzo bafumene amanqaku aphakathi kwama- 40-45  wamanqaku.

**ICANDELO B**

**2.1 ILETA ESESIKWENI**

- Lo mbuzo bawukhethe kakhulu abafundi kodwa noxa kunjalo abakwazanga

ukuyiphumeza injongo yombuzo.

- Abafundi basuka babulele nje uSihlalo endaweni yokubulela uSihlalo kun amanqakuye namavolontiya ngokomsebenzi abawenzileyo
- Bakhona abakwazileyo ukuyidakanca inkcitho eyenziwe yile ngxowamali umzekelo ukuthenga iincwadi zesikolo, oomatshini bokushicilela amaphepha njlnjl.

- Bekulindeleke ukuba umfundi abulele iinzame ezenziwe nguSihlalo kwakunye neqela lamavolontiya ngokuseka ingxowamali yokuncedisa kwiimfuno zezifundo ezongezelelweyo esikolweni sakhe.
- Abafundi bafumene amanqaku aphakathi kwe -15-20

2.2. **I-Obhitshuwari**

- Baninzi abafundi abawuphenduleyo lo mbuzo yaye behleli ngqo kwifomathi kodwa basuka baphambuka emxholweni ngenxa yezikhondo zamagama abangazinikanga ingqwalasela eziyimfuneko kulo mbuzo.

- Abanye abafundi babhidanise igama umlinganisi kunye nomlinganiswa.

- Abanye bathi sele besiza nayo kakuhle kodwa basilele ukuveza ubulungisa obenziwe ngumlinganisi.
- Abafundi abaphenduleyo bafumene amanqaku aphakathi kwe- 10-15.

2.3. **Inqaku lephephandaba**

- Bambalwa kakhulu abafundi abaliphenduleyo inqaku.
- Bakho abaliphendule kakuhle nangokuchanekileyo sijonge kwifomathi nomxholo.

- Abanye abakwazanga ukubhala ngokwefomathi echanekileyo kodwa bakwazi ukuwafumana amanqaku ngenxa yomxholo,
- Bekulindeleke ukuba baveze amaphulo kaMasincedane okunikezela ngeebhasari kubantwana abenza izifundo ezijoliswe kwimisebenzi yezandla.
- Abafundi bafumene amanqaku aphakathi kwe 15-20 amanqaku

2.4. **I-Ajenda nemizuzu yentlanganiso**

- Baliqoqobana abafundi abawukhethileyo lo mbuzo . Inkoliso ikwazile ukuwuphendula ngokukuko. Bayazazi iimpawu ezingundoqo zalo mhlathi. Ingongoma zeajenda bazidwelise kakuhle nemizuzu bayibhala belandela iingongoma zeAjenda. Babhale izigqibo okanye izindululo kuphela. Baye bafumana amanqaku ukusuka kwi-8 ukuya kwangama- 24.

- Abasileleyo ngabo basuke babhala isimemo sentlanganiso/iajenda yodwa / okanye imizuzu kuphela.
- Abafundi abaphendule lo mbuzo baphakathi ko15-22.

2.5. **Intetho engekho sikweni**

- Baliqela abafundi abawukhethileyo lo mbuzo yaye bakwazi ukuveza ukubaluleka kwamanzi kwakunye nendima ayidlalayo emizimbeni yethu, bakwazi nokuveza uphando abalwenzileyo beyibambe ncakasana ifomathi.

- Abasileleyo ngabo basuke babhale nje bengena kwintetho yabo bengenasihloko,

umbuliso, nokunika iingongoma abazakuchankcatha phezu kwazo kwakunye nesiphelo, suke abanye basebenzise ifomathi yengxoxo okanye eyeleta.

- Abafundi bafumene kumyinge ophakathi kuka15-22.

2.6. **Irivyu**

- Bambalwa kakhulu abafundi abawukhethileyo lo mbuzo babhidiwe yifomathi yokubhala irivyu. Baqhele ukubhala irivyu yencwadi okanye yefilimu.

- Bekulindeleke bawubhale lo mhlathi ngeenjongo zokulobela abathengi kule venkile yakwaMju bagxeke ngendlela engasayi kubagxotha abathengi.
- Abafundi basuke bayisa kwisibhengezo-ntengiso, ze loo nto iye yabanyibela amanqaku bafumana amanqaku ali-10 ukuya kwi -18. Abafundi abaphendule lo mbuzo bafumene amanqaku aphakathi kwe 10-18.

**QUESTION 2**

**Why was the question poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.**

- Abaviwa basilele ekuphenduleni ngokukuko lo mbuzo babethwe kukungakwazi ukuphuhlisa umxholo ngokuphathelele ekukhangeleni ngokuzingileyo nonxunguphalo oluyinjongo yombuzo.

- Kwicandelo B Abaviwa babethwe kukungaqwalaseli izikhondo zamagama ezinika umkhombandlela kwinjongo yombuzo ze lo nto yabangela ukuba bawulahle umxholo.

- Ukungawufundi ngokupheleleyo umbuzo kubachanile abaviwa. Umzekelo umbuzo 2.1. Abaviwa babhidwe kukubhalela uSihlalo babulele amavalontiya. Endaweni yokubulela iinzame zamavolontiya basuke babulela uSihlalo kuphela. Ezi nzame abazidakanci ngqo ukuba zeziphi.
- Kumbuzo 2.2,kwiObhitshwari babhidwe kukwaazi umahluko phakathi komlinganisi nomlinganiswa.
- Endaweni yokumela ubulungisa kwifilim, basuke baveza ubulungisa ngokwasekuhlaleni.
- Kumbuzo 2.4 kwiAjenda nemizuzu yentlanganiso, abafundi basilele ukuphendula ngokupheleleyo, imbinana yabo babhale imizuzu yodwa abayibhala iAjenda. Abangenanga nzulu kumxholo wokonwabisana noluntu ngomhla wekrismesi, abayifezekisanga injongo yobhalo.
- Kumbuzo 2.6, kwiRivyu abafundi, endaweni kancoma gxeka basuke bona babhala isibhengezontengiso. Okunye abafundi babhidwe luhlobo lwerivyu abalunikiweyo olunesolotya lentengiso.

| QUESTION 3 |
| --- |
| **Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning** |
| • Isakhono sokubhala nokunikezela masifundiswe ezikolweni kungapheleli ekulungiseleleni uSBA uhlolo lwaso olungekho sikweni lubonakale kwiincwadi zabafundi. |
| • Ukwabelana ngolwazi namava kootitshala ngokweengingqi nezithili kungaluncedo. |
| • Ulwimi lohlolo malufundiswe bathathe ingqalelo yokuba babhala into eza kufundwa ngubani. |
| • Ukuvuselela kweekomiti zolwimi lwesiXhosa kumanqanaba onke. |
| • Abafundi mabacaciselelwe ngesixhobo esisetyenziswayo ukuvavanya iphepha lesithathu. |
| • Ucweyo lohlolo lwezithili lungadlala indima enkulu ekuphuculeni umgangatho lweziphumo kwiphepha lesithathu.<br>• Ukubuyiselwa kwephepha lesi-3 ngeemvavanyo zikaJuni kungawenza umahluko nokuziqhelanisa nobume bephepha lesithathu. |
| • Abafundi abanikwa ithuba lokuba baphinde babhale mabanikwe uncedo ngokuvulelwa iindawo apho baza kufundiswa khona. Ukungafundiswa kwabo kubonakele kwiindlela abaphendule ngayo. |
| • Makucelwe uncedo kwicandelo elijongene nabafundi abaneengxaki u-ESSS ukukhawulelana neengxaki zabafundi abangakwaziyo ukubhala. |

| QUESTION 4 |
| --- |
| **Describe any other specific observations relating to responses of learners and comments that are useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.** |
| • Ootitshala abakorekishayo mabathi gqolo ukuncedisa kwizithili zabo ekuxhobiseni ngamava ootitshala abangakorekishiyo. |
| • Kukhuthazwa ukuba abafundi mabahlale belolwa ngakumbi kwisakhono sokubhala nokunikezela. |
| • Ukulandelwa nokusetyenziswa kwe CAPS, ATP **KUNYE** noxwebhu lwemiqathango yeemvavanyo (Examination guidelines zika-2021) |

| |
| --- |
| • Abafundisi ntsapho abadinga ucweyo kwindlela yokusetyenziswa kwerubrikhi mabancediswe ngabacebisi besifundo isiXhosa. |
| • Iingxoxo mpikiswano, ukhuphisano kwintetho mlomo, ukulinganisa eqongeni makusoloko kukhuthazwe ukuncedisa abafundi ekuphuculeni ulwimi lwabo. |
| • Ukufuthelana nokwabalena ngolwazi phakathi kootitshala makukhuthazwe khon'ukuze luzokunceda abafundi ekuphuculeni umgangatho wolwimi lwesiXhosa. |